Overstrand Personeelblad/Staff Newsletter

Phambili!

Vorentoe/Forward

Munisipaliteit • U-Masipala • Municipality
OVERSTRAND

Indaba 3/2011 Meyi/Juni 2011

INQAKU LOMHLELI

SIBAMKELA NGEZANDLA EZISHUSHU

Okokuqala, mandithi sivuyisana kwaye samkela ngezandla ezishushu bonke ooceba abathe bonyulwa kuMasipala wase-Overstrand ngomhla we-18 kuMeyi. Abantu bathethile kwaye isininzi sithe sanelisekile yindlela esikhokelwa ngayo ngoku.

Ngenene, sibone amakhosikazi amaninzana ngoku kwiBhunga kwaye ngokuqinisekileyo loo nto ke iza kuza neenguqu ezibonakalayo. Sikholelwa kwelokuba ngeli tyeli uSodolophu uNicolette Botha-Guthrie ekule ofisi uza kuba nempumelelo engethethekiyo yaye sijonge phambili ekusebenzeni kunye naye.

Sithethanje iBhunga landiswe kanobom, ewonke amalungu alo ngama-25. Neewadi zithe chatha, loo nto ke itheth' ukuthi uhanjiso lweenkonzo luza kufuneka ngamandla. Kodwa ke thina sichubekile kwaye siza kungena ngathi kudala kule ndima mtsha. Ayinjalo na loo nto?

Ekugqibeleni, emva kokujong' enkalweni silinde ukuza kukaNxele, ziye zabhengezwa iziphumo zangaphakathi zokuhlola zeASK. Uninzi beluthabathekile, kodwa abanye babuye nganeno kwinto ebebeyijongile. Kolu uhlelo, iqela leTASK lichuba imigaqo kwaneenkqubo elithe lazilandela ukuze lifikelele kwezo ziphumo.

Siyavuma ukuba oku bekungeyondlwan' iyanetha, njengoko bekufuneka lihlole imisebenzi eli-1080 lize linikele ingqalelo kumntu ngamnye. Ndingathanda ukuxhakamfula eli thuba ndibambe ngazibini kwiqela elithe lavelisa ezi ziphumo ngexesha elilichithe lingadinwa liqulunqa ezi ziphumo. Lenze umsebenzi omhle ngenene.

Noko ke, ndinethemba lokuba abo bangekaxoli zezi ziphumo baye bafaka amagama ukuze kuphinde kuhlolwe imisebenzi yabo.

Kusoloko kumnandi ukwazi ukuba oogxa bethu bayayixabisa inkcazelo abayifumana kwiPhambili. Ndisoloko ndimiswa ngumntu ondixelela ukuba kwileta yeendaba yethu bafumana inkcazelo yala maxesha malunga nezinto eziqhubekayo ngokubanzi.

Inqaku elawushiya uxokozela umzi yayingumhlathi owabhalwa nguBarbara Pearson kuhlelo lwenyanga ephelileyo malunga nokuzigcina sisempilweni. Ewe kaloku, kubalulekile ukuyihoya impilo yethu. Ukuze umntu ahlale esempilweni ufanele aziqeqeshe, azinikele aze atye ukutya okusempilweni ngamaxesha onke.

Njengoko sichwechwela ubusika, inkoliso yabantu iza kukhe iyiphose kwelokulibala indlela etya ngayo ize iqale phantsi kwakhona ukutya ukutya okungatshuzanga; lumka, usenokunyuk' umnqantsa xa kufuneka ubuyele kwisiqu o-bunaso emva kokuba utye yonke loo nto.

Kunoko, yiba phakathi kwabantu abafuna ukuba sempilweni.

NOLUTHANDO ZWENI
UMHLELI

IBHUNGA ELITSHA NELIKHUDLWANA LINGENE ENDIMENI

Ngaphambili: *Uceba uMakhaya Ponoane (ANC), uCeba Moira Opperman (DA), uSihlalo weeNkonzo zoKhuseleko, uCeba Rudolph Smith (DA), uSihlalo weeNkonzo zoLuntu, uMnu. uWerner Zybrands, onguMphathi kaMasipala, uCeba uBen Solomon (DA), uSihlalo wezeMali noPhuhliso lwezoQoqosho, uCeba uNicolette Botha-Guthrie (DA), onguSodolophu oPhetheyo, uNtsumpa uPieter Scholtz (DA), onguSekela kaSodolophu oPhetheyo nokwanguSihlalo woCwangciso neziSeko zoPhuhliso, uNtsumpa u-Anton Coetsee (DA), uSomlomo, uCeba uPhilippus Appelgrein (DA), uSihlalo weeNkonzo zoLawulo, kunye noVuyani Macotha (ANC).* ***Ngasemva: U****Ceba uLisel Krige (DA), u-Abraham Prins (DA), uMichelle Sapepa (ANC), uMercia Andrews (DA), uLianda Beyers-Cronje (DA), uMarilyn Pie (ANC), uMpumelelo Sobantu (DA), u-Elzette Nell (DA), uPhillipus May (ANC), uMaxi Lerm (DA), uTheodorah Nqintata (ANC), uMaurencia Gillion (ANC), uMzameni Mshenxiswa (ANC), uNomfezeko Momoza (NICO)*, uDudley Coetzee (DA) kunye noCaroline Mandindi (ANC).* ****** *Ekuqalisweni kweNtlanganiso yokuBekwa kwabo kwenziwa isaziso esithi iNtlangano kaZwelonke eziMeleyo yoLuntu (NICO) ifake isicelo kwi-IEC sokubeka phantsi iintambo ngoko nangoko. Njengoko igqiza labameli lingakhange laziswe kwangexesha, kwathiwa le ntlangano iza kubukela nje kule ntlanganiso.*

UMASIPALA ONOBUNTU

Inkqubo yemigaqo eyodwa yase-Overstrand ifanele yandiswe ize yenziwe igqibelele ngoqeqesho neeprojekthi zokwakha ubudlelwane nguye wonke umntu – ooceba kunye nabasebenzi – ukuze eli lizwe xa lilonke lizeke mzekweni lilandele thina njengomasipala othembekileyo nonobuntu.

Lowo ibe ngumyalezo kaSodolophu ophinde wonyulwa uNicolette Botha-Guthrie kwitheko lokuphehlelelwa kwamalungu eBhunga elisandul' ukumiselwa lase-Overstrand elinamalungu angama-25 ngoLwesithathu umhla woku-1 kuJuni wama-2011 eHermanus.

Phakathi kwababekho, esi siganeko sasizinyaswe nguMnu. uAnton Bredell, uMphathiswa waseNtshona Koloni woRhulumente wezeKhaya, uMnu. uTheo Beyleveldt, ilungu lePalamente nowayesakuba nguSodolophu kwanoMnu. uMike Walters, ilungu loRhulumente waseNtshona Koloni.

USodolophu uBotha-Guthrie uthe eli bhunga litsha lisikelelekile ngokuthi libe nabalawuli abanolwazi nabazijul' ijacu emsebenzini waza wamqinisekisa uMphathi kaMasipala, uMnu. uWerner Zybrands, kunye nesigqeba sakhe solawulo ngokugcina intsebenziswano nokuzibophelela kwebhunga kwanofunqula imilinganiselo yokuziphatha yase-Overstrand.

Waleke umsundulo ngelithi kuthe kwanikwa nengqwalasela eyiyo kwindlela emiswe ngayo le ntlangano kamasipala ekubekeni amalungu eKomiti kaSodolophu neeKomiti zeXeshana nokuthi kubekwe iqela leengcaphephe zolawulo ukuze kuphunyezwe iinjongo zebhunga nokuqinisekisa uluntu ukuba umasipala uliziko elibalaseleyo lohanjiso lweenkonzo.

UNtsumpa uPieter Scholtz, owanyulwa njengoSekela-Sodolophu, uza kuba yiforosi kwikomiti yexeshana yeziSeko zoPhuhliso nokuCandwa kweDolophu. EzeMali noPhuhliso loqoqosho ziza kukhokelwa nguCeba into kaBen Solomon, iiNkonzo zoLuntu zona zibhexeshwe nguCeba uRudolph Smith, zize iiNkonzo zoKhuseleko zikhokelwe nguCeba uMoira Opperman ngoxa iiNkonzo zoLawulo ziphantsi koCeba uPhilippus Appelgrein.

UNtsumpa uAnton Coetsee uphinde wonyulwa njengoSomlomo yaye ukwangusihlalo weCandelo 62 leKomiti yeziBheno kwaneCandelo 79 leKomiti malunga neeNkcitho ezingaPhumezanga Nto neziSafaziweyo.

UNtsumpa uScholtz uxhuzul' imikhala kwiKomiti yoLuleko neKomiti yokuHlola, ngoxa abameli kuMasipala weSithili sase-Overberg inguCeba uDudley Coetzee, uM Sobantu kunye noLianda Beyers-Cronje.

USodolophu uBotha-Guthrie uthe ujonge phambili kubudlelwane obuphuculiweyo bentsebeniswano kunye noMasipala weSithili sase-Overberg apho iDA ithe yazithathela kuyo iintambo zolawulo. Ukholelwa kwelokuba le nto iza kudala ulungelelwaniso kunye nokufakan' imilomo okungcono phakathi kwaba masipala abakweyona ncam isemazantsi apha e-Afrika.

Ukuhanjiswa kweenkonzo kubo bonke abantu iza kuba yenye yezinto eziphambili kuye, yaye uthethe ngokungqalileyo ngesibonelelo esaneleyo samanzi kwiHermanus.

ULWABIWO-MALI OLUJOLISWE KWINKONZO EPHUCULIWEYO

Ngolwabiwo-mali oludibeneyo lwezigidi ezingama-R942 – nezigidi ezingama-R728 zenkcitho yokusebenza kunye nezigidi ezingama-R214 yeeprojekthi eziphambili – uMasipala wase-Overstrand uzilungiselele ukuphucula uhanjiso lweenkonzo nomgangatho wobomi ngowama-2011/12 kubahlali.

Njengoko kwamkelwa nje izithuba ezintathu ezitsha kuphela, le nto itheth' ukuthi kuza kufuneka abasebenzi babile izithukuthuku ukuze iimveliso ithi chatha, into ke eza ngumngeni omkhulu kubaphathi kuba beza kufuneka baqiniseke ukuba iyenzeka loo nto.

Ulwabiwo-mali lwemivuzo lulingana nezigidi ezili-R189, olubandakanya ama-27 ekhulwini lolwabiwo-mali lweenkcitho. Kufihlwe induk' emgqubeni ngochatha wesi-6.08 ekhulwini kwimivuzo yabasebenzi neyooceba, kodwa ngenxa yokuba ukuhla kwexabiso lemali kuhle ngaphantsi komlinganiselo obulindelwe ngokwesivumelwano seminyaka emithathu ekwagqitywa kuso kuzwelonke, kuphinde kwabuyelwa kwisithebe seengxoxo kwaye la manani angatshintsha.

Kungahle kube njalo nakwimivuzo yooceba, phofu ke inguMphathiswa woLawulo loBambiswano kunye neMicimbi yeMveli onamagunya okugqiba ngemivuzo yabo.

Umlinganiselo wochatha kwiirhafu zemihlaba ngowama-2011/12 ubekwe kwisi-5 ekhulwini ezindlwini nakwisi-8 ekhulwini kumashishini. Njengakwilixa elidlulileyo, kwiindawo zokuhlala abantu kuza kubakho iirhafu ezingahlawulwayo nemali-mbuyiselo ngenjongo yokothula umthwalo osemagxeni abantu abahlwempuzekileyo. Kwakhona kuza kubakho imalimbuyiselo kwimizi yeendwendwe, iiB&B, kwimihlaba yoshishino nelinywayo ngelokukhuthaza uphuhliso lwezoqoqosho.

Ngaphandle kokusetyenziswa kombane, uchatha kwiirhafu zamanzi, ugutyulo, ukuthuthwa kwenkunkuma nentlawulo esisiseko yombane uza kuphelela kwisi-8 ekhulwini. Iindleko zokusetyenziswa kombane ziza kunyuka ngama-20,4 ekhulwini ngeli lixa zona iindleko zika-Eskom kumasipala ziza kunyuka ngama-26,7 ekhulwini. Abantu abahlwempuzekileyo balindelwe sisiqabu njengoko iNERSA ithe yavela nenkqubo yokunyusa iirhafu.

Phofu ke, ulwabiwo-mali lowama-2011/12, alwamkelwanga ngamxhelomnye liBhunga namalungu e-ANC kwaye iNational People's Party ikubhale phantsi ukulukhaba kwayo.

Kwintetho yakhe yoLwabiwo-Mali u-Sodolophu uNicolette Botha-Guthrie uthe ibingumngeni kule nkqubo ukulungelelana phakathi kwamaxabiso afikelelekayo kunye nemfuneko yokukhawulelana nokusilela kwiziseko zophuhliso.

Uthe i-Overstrand ngummandla ophambili wabantu abadl' umhlalaphantsi, kwaye uninzi lwabahlali bale ndawo yethu luxhomekeke kwinkamnkam nakwingeniso yotyalo-mali lwabo ukuze baphile.

Njengendawo edla ngokuba yeyeeholide neyokudla umhla-phantsi, iziseko zophuhliso zikaMasipala wase-Overstrand azilungiselelwanga indawo ephithizelayo njengoko injalo namhlanje. Lo msebenzi usesemva uqikelelwa kumawaka ama-R2,4 ezigidi, yaye umasipala uqalise inkqubo yohlaziyo yeminyaka engama-25 eya kufuna iiprojekthi eziphambili eziphakathi kwezigidi ezili-R100 nezingama-R200 ngonyaka. Kufuneka kongiwe kwiinkcitho ukuze kufumaneke imali engakumbi ukwenzela iiprojekthi zethu zeziseko zophuhliso.

Nangaphezulu nje kokuba ulwabiwo-mali lwenziwe kusasele inyanga ngenxa yolonyulo loomasipala, uSodolophu uthe kulandelwe inkqubo ecokisekileyo nepheleleyo, ingakumbi ekuqinisekiseni ukuba ilizwi labahlali bale ndawo liyavakala – ngeekomiti zewadi nangokuthabatha inxaxheba koluntu emva kokupapashwa kolwabiwo-mali olusayilwayo ukuze uluntu luvakalise izimvo zalo.

ULWABIWO-MALI LWEMISEBENZI NGOKWEENKCITHO EZIPHAMBILI KWIRANDI

EXPENDITURE BY TYPE	2010/11	2011/12	% INCREASE	% TOTAL
Salaries & Wages	184 831 700	196 737 483	6.1%	27.0%
General Expenses	308 581 675	304 045 522	-1.5%	41.7%
Bulk Electricity Purchases	103 276 380	129 763 420	20.4%	17.8%
Repairs & Maintenance	62 926 440	65 220 050	3.5%	9.0%
Capital Costs	22 645 440	32 665 170	30.7%	4.5%
TOTAL	**682 261 653**	**728 431 645**	**6.3%**	**100%**

IMALI EYABIWEYO NGOKOMTHOMBO OPHAMBILI WENGENISO

IMITHOMBO YENGENISO	
1 Iirhafu Zemihlaba	134 817 680
2 Umbane	223 307 350
3 Amanzi	91 524 454
4 Ukucocwa kwamanzi	59 777 146
5 Inkunkuma	40 389 000
6 Izibonelelo Zokusebenza	49 691 000
7 Izibonelelo Eziphambili	41 271 000
8 Ezinye Iimali	50 442 470
IYONKE	**691 220 100**



USHWANKATHELO LOWAMA-2011/12 LWEEVOTI ZEMALI EYINKUNZI NGENKONZO NGANYE



IMALI EYINKUNZI NGOKWENKONZO	
1 Iqumrhu	15 905 000
2 Iinkonzo Zemihla	13 060 000
3 Baizakhiwo Zoluntu	1 450 000
4 Ezemidlalo Nezolonwabo	14 186 778
5 Ukhuseleko Loluntu	790 000
6 Ezezindlu	12 250 000
7 LED	5 700 000
8 Iindlela	14 969 982
9 Umbane	37 505 000
10 Amanzi	59 432 526
11 Ugutyulo	29 463 521
12 Amanzi Ezikhukula	7 568 193
13 Ulawulo Lwenkunkuma	1 690 000
IYONKE	**213 971 000**

IZIBAKALA EZOTHUSAYO NGOKUPHATHELELE UKUNGABINAYO I-INSHORENSI AZILOQHINGA NJE LEZENTENGISO

Abantu badla ngokusabela kuphando olwenziwa lushishino lwe-inshorensi yobomi olubonisa indlela inkoliso yabemi boMzantsi Afrika abangenayo i-inshorensi ngayo ngokuthi lelinye nje iqhinga lezentengiso elenziwa lolu shishino kwaye imeko noko ayimbanga ngendlela ebabazwa ngayo.

Abantu basabela ngale ndlela xa kuthethwa ngokungabina inshorensi:

- Umhlala-phantsi wam unesibonelelo se-group assurance
- Amathuba okufa ngaphambi kwexesha okanye okungakwazi ukuzenzela nto mancinane kakhulu, yaye ndinezinto ezibaluleke kakhulu endifanele ndichithele imali yam kuzo
- Ndagqibela ukuzihlola kwiminyaka esixhenxe edlulileyo, emva kokuzalwa komntwana wam wesibini.

Bambalwa gqitha abantu abanolwazi nge-inshorensi yobomi abanayo okanye abayidingayo.

Uphando lubonisa ukuba asingobantu nje abanemivuzo ephantsi abathi baswelekelwe ngumntu obefumana umvuzo ngenxa yokufa okanye ukungakwazi kuzenzela nto kodwa nabo bafumana umvuzo ongaphezu kwe-R16 700 ngenyanga baya kuzishiya zikwingxaki enkulu yemali iintsapho zabo xa besifa okanye bengakwazi kuzenzela nto.

Ngumlinganiselo nje ke phofu lo, abanye abantu baya kudinga i-inshorensi engakumbi ukanti abanye baya kudinga nje encinane.

Ngokweepesenti, abantu abafumana imivuzo ephantsi bakwimeko emaxongo ngokwe-inshorensi.

Ukuba unabo nabaphi na abantu abaxhomekeke kuwe – kuquka abazali, abantwana okanye abazukulwana – uyayidinga i-inshorensi. Ngaphandle ke kokuba usesiya singawothiyo umlilo sona isinhanha.

Xa ungatshatanga usenokungadingi iinshorensi engako. Enyanisweni, uphando lubonisa ukuba ngenxa yegroup life assurance ekwimibutho yomhlalaphantsi yomsebenzi, uninzi lwabantuabangatshatanga bane-inshorensi eyaneleyo ngokuphathelele ukufa ngaphambi kwexesha.

Kodwa ke uya kudinga i-inshorensi yokungakwazi ukuzenzela nto ukuba uselula ngeminyaka yaye akutshatanga kuba xa ungakwazi ukuzenzela nto kusengafuneka uzixhase ngemali yakho ubomi bakho bonke.

Ekuphela kwendawo ofanele uqale kuyo ukuhlola kakuhle ukuba ingakanani kanye kanye i-inshorensi yobomi okanye yokunga-kwazi ukuzenzela nto oyidingayo kukuba udibane nengcali yomcebisi wezemali aphononongo zonke iimfuno zakho zemali, ukususela kwiinshorensi yobomi neyomhlalaphantsi. Le nto ke akufanelanga uyenze kube kanye qha.

Rhoqo emva kwe-minyaka embalwa okanye ngalo lonke ixesha kusibakho iingugu ephawulekayo ebomini bakho, enoba kukuzalwa komntwana okanye uchintsi obonakalayo emvuzweni wakho, ufanele uhlole iimfuno zakho ze-inshorensi.

Kwaye usengafumanisa ukuba xa ufika kumashumi amahlanu eminyaka ubudala yaye ungasenabo abantwana abaxhomekeke kuwe yaye ukwazile ukuziqwebela ubugcwabalalana obungakumbi, ungakwazi ukucutha ikhava, nto leyo eya kukwenza ukungela umhlala-phantsi wakho.

UVUYO NO SIZI

BONA USANA OLUNGULUANDI

Usana lukaLouis kunye no-Edna van Zyl lwazalwa ngomhla we-11 kuFebruwari wama-2011 – igama lalo nguLuandi. ULouis usebenza kwiSebe LokuCoca aManzi, e-Gansbaai ngelixa yena u-Edna esebenza kwiThala LeeNcwadi laseGansbaai.

EZIHLELIWEYO

Kusapho lwase-Overstrand, thina siyathanda ukuncedana, kodwa sikwafanele siyazi into esifanele siyenze. Leyo ke yinjongo yalo mhlathi weziHleliweyo. Sazise xa ufuna ukuthenga, ukuthengisa, ukutshintshisa okanye ukuqeshisa ngento ethile. Xa isikhewu sikhona, siza kukufakela loo nto kwizibhengezo zePhambili. Qhagamshelana noNoluthando Zweni kwinombolo ethi 8911 okanye kwiGroupwise.

EZITHENGISWAYO: TOYOTA COROLLA - YOWAMA 2004; lilitha: 1400 i; likhilomitha: 156 000; Ingxelo yokuseviswa kwayo iqukiwe; Ikwimeko entle kakhulu kwaye ingcathu gqitha emafutheni; Ixabiso: R70 000

KUFUNWA INDAWO EQESHISAYO: Indlu enamagumbi ama-2 okulala/ikhotheji, kungakuhle ukuba inganeekhabhathi ezakhelweyo, ibiyelwe ngokupheleleyo ngodonga/ngocingo yaye ikhuseleke, ibe kummandla waseHermanus. Nceda uqhagamshelane noGlenda Saunders @ 084 255 8104 okanye kwethi 8156.

BEBEKUGQATSO LWEMIGAMA EMIDE

Kutshanje abasebenzi abane bethu bathabathe inxaxheba kugqatso i-2011 Wheels & Runners obeluxhaswa ngemali nguMasipala wase-Overstrand. Ukususka ekhohlo ukuya ekunene: nguFanie Krige obekugqatso lweekhilomitha ezili-10, uBarbara Pearson ogqibe likhilomitha ezingama-21.1 kunye no-Ailene Theart kwanoLee-Ann Rauch bobabini abathabathe inxaxheba kugqatso lweekhilomitha ezi-5.

OOMAMA ABANEBHONGO BABADLALI BOMBHOXO

UBelinda May: Unyana wam uCollin uye kukhenketho lombhoxo e-Argentina. Iqela landuluka ngomhla wama-30 kuMatshi wama-2011 lisuka eKapa laza labuya ngomhla we-11 ku-Apreli wama-2011. La ibingamava nethuba elimnandi kuye nakwiqela lakhe. Ndifuna nje ukuthi Maz' enethole kubo bonke oogxa bam abathe banegalelo ngeendlela ngeendlela ukwenza olu tyelelo lube yimpumelelo. "Mama, ndisuke ndangathi ndiyelama ndisakubona uninzi lwezo mbelukazi zimanz' andonga! (senoritas)" wadanduluka watsho. Eli qela layiphumelela inkoliso yemidlalo yalo.

UZinzan, unyana **kaMerle Solomons** waseKleinmond, watyunjwa njengeqela loompondo zihlanjiwe (A) leSikolo Samabanga Aphantsi saseBholani kwiVeki kaCraven kulo nyaka.

UKUHLOLA INTSHOLONGWANE KAGAWULAYO NOGAWULAYO

Asilonani belilindelekile labantu abezileyo ukuza kuhlola intsholongwane kaGawulayo noGawulayo eholweni (Auditorium) ngoLwesihlanu, umhla we-15 ku-Apreli wama-2011. Ukuhlolwa bekujoliswe kubo bonke abasebenzi bakwamasipala bazo zonke iingingqi zaseGansbaai, eStanford, eHermanus naseKleinmond.

Kukho malunga nabasebenzi abali-1080 kwamasipala, phofu ke bangama-50 kuphela abezileyo ukuza kuhlolwa. Oku kubonisa ukuba abantu basemadolw' anzima ukwazi ubume babo ngentsholongwane kaGawulayo noGawulayo.

USodolophu uNicollette Guthrie-Botha ebe ngumntu wokuqala ukuhlolelwa intsholongwane kaGawulayo ngolo suku. UNicolette ukholelwa kwelokuba ukuba abantu bamele babazi ubume babo malunga ngeNtsholongwane kaGawulayo noGawulayo watsho ekhuthaza mntu ngamnye, ingakumbi abasebenzi bakamasipala, ukuba bazeke mzekweni. "Kubaluleke gqitha ukuba abantu bahlolelwe intsholongwane kaGawulayo noGawulayo nto leyo eya kwenza babazi ubume babo isaqalisa le ntsholongwane baze bakwazi ukufumana unyango kusekutsha baze bahlale besempilweni. Umasipala ude waziduba ngokuqesha umongikazi ojongene nabasebenzi bakwamasipala abalufuna ngokwenene uncedo. Ufumaneka ngexesha lomsebenzi ukuze ancede kuzo zonke iindidi zezigulo okanye akuthumele kugqirha okhoyo. Le nkonzo ivuleleke kubo bonke abasebenzi, ingakumbi abo bangenaso isibonelelo sezonyango (medical aid). Ukuba uyabazi ubume bakho oko kuya kwenza kube lula ngaye ukukuzamela amayeza yaye oko kuya kuhlala kuphakathi kwakho naye," usho njalo uNicolette.

Ingongoma isekubeni mntu ngamnye umele ahlolelwe intsholongwane kaGawulayo noGawulayo. Lo asingombandela nje wabantu abangatshatanga okanye uhlanga oluthile, luxanduva lomntu ngamnye, kungakhathaliseki ukuba umdala, ungumntu webala, ungumlungu okanye untsundu. UGawulayo akakhethi bala lamntu, engenaxesha labudala bakho okanye uhlanga lwakho – unqunqel' egoqweni kwanto.

UCraig Chapman uchaze ezinye zezizathu ezingunozala wokuba abantu babazi ubume babo, "Ukufumana unyango kusekutsha, ukuphepha ukosulela abanye abantu, ukuqalisa ukutya ukutya okusempilweni nokuze uhlale usempilweni uphile ubomi obusempilweni. Uphando lubonisa ukuba uninzi lwabantu lungcamango egwenxa malunga nokuba ngubani onokosuleleka yintsholongwane kaGawulayo nongenakosuleleka yiyo. Banengcingane ethi ukuba utshatile akunakuyifumana le ntsholongwane kaGawulayo, kodwa ke loo nto lulwimi etywaleni. Ungamfumana uGawulayo nokuba utshatile okanye uganele ukutshata. Isizathu sikukuba akusoloko uqolozelene neqabane lakho ngalo lonke ixesha. Xa iqabane lakho lisemsebenzini uyakwazi oko likwenzayo? Ukuphepha ukosuleleka ngenxa yokuba ungazi, ndikucebisa ukuba uye kuzihlola kunye neqabane lakho – ngokwenza oko uya kuzazi kwaye uthintele wena kwakunye neqabane lakho ekufumaneni izifo ezosulela ngesondo (STIs), ngeNtsholongwane kaGawulayo noGawulayo. Hlolwa ukuze ubazi ubume bakho," utsho njalo uCraig.

Umongikazi uza kuphinda kwixesha elizayo enze amalungiselelo okuba abantu bahlolwe. Ukhuthaza abantu ukuba bawaxhakamfule la thuba baze bawasebenzise. Nokuba ufumene iziphumo ezinjani na ngolo suku ziya kugcinwa ziyindaba yakwamkhozi – nguwe kuphela oya kuzazi. Kukuwe ke ukuba uyafuna ukuxelela umongikazi ukuze akulungiselele amayeza.



ISIXHENXE SABANTU SIWONGELWE INKONZO ENDE

Ngabantu abasixhenxe abathe bawongwa ngeziqinisekiso ngenxa yenkonzo engazange iqhawulwe yeminyaka engamashumi amabini nguSodolophu, uCeba uNicolette Botha-Guthrie, kwintlanganiso yebhunga ngomhla wama-30 kuMatshi wama-2011. Uthe ngxatsho ke kwabo bawongiweyo ngomsebenzi wabo ophawulekayo. Abemi kunye naye ukusuka ekhohlo, nguGertruida Hull, uHiljand Johanna Booysen, uBonga Mxokozeli, uWendy Joan Bergendahl, uZamile Wesley Mafilikana, uJeremias Daniels kwanoKhanakhani Bidwell Bhula.

ABAQASHIWEYO NABANYUSELWEYO

ABAQESHIWEYO NGOMEYI WAMA-2011	
N B Ngciki	UMncedisi kwiThala LeeNcwadi WC0320266
T.L. Ponoane	UMabhalana: ABabuthi BeRhafu WC0325136
L Mafuya	UMabhalana WoDidi II: ABabuthi BeRhafu WC0324730
D May	UMncedisi Jikelele: KwiNkunkuma WC0325084 KM
C Hendricks	UMncedisi Jijelele: KwiNkunkuma WC0325088 KM
S Booi	UMncedisi Jikelele: KwiNkunkuma WC0325086 KM
ABANYUSELWEYO NGOMEYI WAMA-2011	
N Socikwa	UMlindi KwiSikhululo SeNkunkuma: KwiNkunkuma
T Smit	UMabhalana Oyingqwayingqwayi: IiNkonzo Ezisebenzayo
C Gillion	Ingcali: Umbane WC0321600
RD Pietersen	Umgcini/Umabhalanak: KwiQula LokuQubha laseHawston NakwiPaki yeeKharavani WC0325058

ABAZALWA KWINYAGA KA JUNI

IGAMA	UMHLA	ICANDELO	IDOLOPHU
Swartz, Roxane Marsha	1	Inkonzo Zoluntu	Hermanus
Warren, Daniel John Joseph	1	Inkonzo Eziqhubekayo	Gansbaai
Mayisela, Velani Joseph	2	Inkonzo Eziqhubekayo	Hermanus
Daniels, Jacobus Daniel	2	Inkonzo Eziqhubekayo	Gansbaai
Roux, Suritha	3	Ezezimali	Kleinmond
Xama, Jusey Jonathan	3	Inkonzo Eziqhubekayo	Gansbaai
Poole, Wendall Glen	4	Umphathi wengingqi	Hermanus
Solwandle, Japhta	5	Icandelo lolawulo lwezokwakha	Hermanus
Kutuka, Tembinkosi	5	Inkonzo Eziqhubekayo	Gansbaai
Mteyise, Mthembu Vincent	6	Inkonzo Eziqhubekayo	Hermanus
Plaatjies, David William	6	Inkonzo Eziqhubekayo	Hermanus
Koli, Andile	6	Inkonzo Zokhuseleko	Hermanus
Liebenberg, Elsabe	6	Ezezimali	Hermanus
Sitemela, Raymond Mluleki	7	Iprojekthi zikamasipala	Hermanus
Ntozakhe, Bonginkosi Gerald	7	Inkonzo Eziqhubekayo	Kleinmond
Myataza, Mcoseleli	8	Inkonzo Eziqhubekayo	Hermanus
Moses, Floors	8	Inkonzo Eziqhubekayo	Hermanus
Dynaard, Verna Joyce	8	Inkonzo Eziqhubekayo	Hermanus
Samuels, Omoria	8	Inkonzo Eziqhubekayo	Kleinmond
Mtshizana, Mhlanganiseli	9	Inkonzo Eziqhubekayo	Hermanus
Khala, Sabelo	9	Ulawulo lwezokwakha	Hermanus
Nkunkumana, Mgoduseni	9	Inkonzo Eziqhubekayo	Hermanus
Pretorius, Francois	9	Inkonzo Eziqhubekayo	Hermanus
Liwani, Luzile	10	Inkonzo Eziqhubekayo	Hermanus
Moli, Fukamile	10	Inkonzo Eziqhubekayo	Hermanus
Fakusasa, Patrick	10	Inkonzo Eziqhubekayo	Hermanus
Moss, Nthandazo	10	Inkonzo Eziqhubekayo	Gansbaai
Smith, Rudolph John	10	Uceba	Hermanus
Cupido, Alfonso	11	Inkonzo Eziqhubekayo	Hermanus
Cronje, Danwill Malcolm	11	Inkonzo Eziqhubekayo	Kleinmond
Ahrends, Solemon	11	Inkonzo Eziqhubekayo	Gansbaai
Bosman, Johannes	11	Inkonzo Eziqhubekayo	Kleinmond
Mzilikazi, Mthunzi Eric	12	Inkonzo Eziqhubekayo	Hermanus
Mntuyedwa, Lewis	12	Inkonzo Eziqhubekayo	Kleinmond
Rainbird, Lauren Inge	12	Inkonzo Eziqhubekayo	Hermanus
Mangondwana, Nomisile	12	Inkonzo Eziqhubekayo	Gansbaai
Reynolds, Sandra Sophia	12	Ulawulo lwengingqi	Stanford
Adams, Desdry	13	Inkonzo Eziqhubekayo	Hermanus
Floors, Nigel	13	Inkonzo Zoluntu	Hermanus
Smith, Terence Charles	13	Inkonzo Eziqhubekayo	Gansbaai
Baardman, Desmond	14	Inkonzo Eziqhubekayo	Kleinmond

IGAMA	UMHLA	ICANDELO	IDOLOPHU
Nkontso, Pumzile Patrick	14	Inkonzo Eziqhubekayo	Gansbaai
Mhlaba, Mafonxo	15	Inkonzo Eziqhubekayo	Hermanus
Swartz, Mallony Joan Shaann	15	Inkonzo Eziqhubekayo	Hermanus
Rhojie, Christopher Sandile	15	Inkonzo Eziqhubekayo	Hermanus
Sales, Elmarie	15	Ezemibane	Hermanus
Dlongwana, M Arnold	16	Inkonzo Zokhuseleko	Hermanus
Botha, Karel	16	Inkonzo Eziqhubekayo	Hermanus
Diedericks, Christo	16	Inkonzo Eziqhubekayo	Stanford
Pearson (Rogers), Barbara-Ann	17	Iziseko zophuhliso nokuCandwa kweDolophu	Hermanus
Moore, Anin	17	Ezezimali	Hermanus
Jantjies, Louis	17	Ezezimali	Gansbaai
Batha, Nozibele Victoria	18	Umphathi wengingqi	Hermanus
Cupido, Eugene Gregory	18	Ezemibane	Hermanus
Msengana, Zolile	18	Inkonzo Eziqhubekayo	Gansbaai
Stemele, Danile Maxwell	19	Inkonzo Eziqhubekayo	Hermanus
Tobias, Piet Timoteus	19	Inkonzo Eziqhubekayo	Stanford
Theron, Ronett	20	Ezezimali	Hermanus
Lourens, Annelie	20	Ezezimali	Gansbaai
Windvogel, Petrus Johannes	21	Ezezimali	Hermanus
Engel, Jacobus Johannes	21	Inkonzo Eziqhubekayo	Gansbaai
Maliwa, Winnet Vuyani	22	Inkonzo Eziqhubekayo	Hermanus
Mathiso, Ntobeko Hubert	22	Inkonzo Eziqhubekayo	Hermanus
Lowings, Elizabeth-Ann	22	Ulawulo lwezokwakha	Hermanus
Jonathan, Ahmelio	22	Inkonzo Eziqhubekayo	Hermanus
August, Charmaine	23	Inkonzo Zoluntu	Hermanus
Stemmet, Heinrich	24	Inkonzo Eziqhubekayo	Kleinmond
Nyangiwe, Dywilisi	25	Inkonzo Eziqhubekayo Kleinmond	
Ntoyakhe, Thulani	25	Ezezimali	Hermanus
Vermeulen, Johanna Catharina	25	Ezezimali	Gansbaai
Johnny, Anton	25	Ezemibane	Gansbaai
Abrahams, Maghie	26	Umphathi wengingqi	Hermanus
Ndabambi, Siswani	26	Inkonzo Eziqhubekayo	Gansbaai
Xhinti, Mandlenkosi	26	Inkonzo Eziqhubekayo	Gansbaai
Bauermeester, Jacobus Schalk	27	Ezezimali	Hermanus
Hartnick, Susan	28	Umphathi wengingqi	Kleinmond
Ruiters, Abraham Daniel	28	Inkonzo Eziqhubekayo	Hermanus
Kotze, Aletta Johanna	28	Umphathi wengingqi	Hermanus
Van Der Westhuizen, Marisa Danielle	29	Inkonzo Eziqhubekayo	Hermanus
Arendse, Bjorn	29	Inkonzo Eziqhubekayo	Hermanus
Samuels, Robyn Lynn	29	Inkonzo Zokhuseleko	Hermanus
Olivier, Dawid	30	Inkonzo Eziqhubekayo	Kleinmond